

# Iincwadi ezingenamagama

Le ncwadi ingenamagama yeyokuqala kuthotho lweencwadi zokufunda zeBanga loku-1. Iincwadi ezingenamagama zibalisa ibali ngemifanekiso kuphela kwaye zibalulekile ekulungiseleleni abantwana ukufunda. Ukuba zisetyenziswa ngendlela elungileyo, ezi ncwadi zinceda abafundi ukuba: ukubaukubazingenamagama zi:

- batolike intsingiselo ngokujonga imifanekiso
- baqaphele iinkcukacha emifanekisweni
- baziqhelise izakhono zokufunda ezisahlumayo
- bazi ukulandelelana kweziganeko ebalini nesakhiwo sebali
- bakwazi ukusebenzisa intelekelelo yabo
- babe nokuzithemba xa bebalisa ibali
- bakwazi ukuphendula imibuzo esekelwe ebalini

Apha uza kufumana izikhokelo eziya kukunceda ekubaliseni ibali xa ufunda kunye nabafundi bakho. Uza kufumana izihloko zezi "ncoko ngebali" zilandelayo kunye nemibuzo eluncedo ekuxoxeni ngebali elingenamagama nabafundi. Kukwakho nezikhokelo ezichaza indlela yokubalisa ibali. Ezi zinto uya kuzifumana kumphakathi woqweqwe lwangasemva. Ukuze ukwazi ukunceda abafundi kufuneka utsale umdla wabafundiuwuse kwinto eyenziwa leli sele emfanekisweni ngamnye, nakwindlela abaphendula ngayo abanye abalinganiswa kweli sele.



## Imibuzo ekunokuthethwa ngayo:

Lingantoni ibali?

Lenze ntoni isele?

Liye njani isele esikolweni?

Jonga umfanekiso okwiphepha lesi-9. Yintoni ebangele ukuba uJoe abambe intloko yakhe?

Jonga umfanekiso okwiphepha le-11. Balikhangele phi abantwana isele? Belizimele phi isele? (Jonga isele elizimele kwikona esezantsi ngasekunene yomngxuma wesanti.)

Ucinga ukuba isele liza kuhamba noJoe? Kutheni ucinga njalo nje?

Wena ubuya kwenzani xa bekunokungena isele kwigumbi lakho lokufundela?

Yenzani umdlalo olinganisa ibali.

Inqanaba: 1

# Incwadi 1

| | |
|---|---|
| Title: | USele uya esikolweni |
| Language: | IsiXhosa |
| Level: | Incwadi yamabali yoLwimi Lweenkobe yeBanga loku-1 Incwadi yoku-1 Inqanaba 1 |

Oku kulandelayo kulungiselelwe wena titshala, sisikhokelo sokubalisa ibali. Sikwenzele amagama ambalwa kangangoko ukuze wena nabafundi bakho nikwazi ukutolika nokunaba malunga nebali "ngokufunda imifanekiso". Ukhumbule ukutsala umdla wabafundi uye kwinto eyenziwa lisele, kwaye nithethe ngendlela abaphendula ngayo abanye ablinganiswa kwisele.

1 UJoe unxibela ukuya esikolweni.

2 UJoe unezilo-qabane ezintathu: inja, ikati kunye nesele elincinci eliluhlaza. Izilo-qabane zikaJoe zibukele ngeli lixa alungiselela ukuya esikolweni.

3 UJoe ubulisa abazali bakhe nezilo-qabane zakhe aze aye esikolweni. UJoe akakaliboni isele ebhakeni wakhe.

4 UJoe uyafika eskolweni. Uyavuya akubona abahlobo bakhe. Nangoku uJoe akazi ukuba isele lizimele ebhakeni wakhe.

5 Nalo isele litsibela kwimbiza enepeyinti ebomvu, lize lithi lak uphuma apho litsibele phezu kwedesika kaLebo.

6 Nalo isele litsibela kwimbiza enepeyinti ebomvu, lize lithi lak uphuma apho litsibele phezu kwedesika kaLebo.

7 Isele elindwebileyo litshiza yonke ides ika kaLebongepeyinti ebomvu. UJoe uyaqaphela ukuba lisele lakhe aze azame ukulibamba.

8 Nalo isele litsibela etafileni katitshalakazi. Utitshalakazi wothuka ayokuwa.

9 Emva koko isele litsibela kwisikhafuthina sokutya kuka-Ann naphezu kwesika yakhe. Usizana olunguJoe luxakiwe ukuba luthini.

10 Bonke abantwana babaleka emva kwesele. Bazama ukulibamba kodwa alibambeki, liphuma phandle lithi tsii gxada ukuya ebaleni. Abantwana balandela isele ukuya ebaleni. Bazama ngandlela zonke ukubamba isele.

11 Isele lithi pheselele! Abantwana bakhangela isele. Bakhangela phantsi komthi, esantini, etyholweni naphantsi kwesitulo. Bakhangela kwindawo yonke, kodwa abade balifumane isele.

12 Kufika ixesha lokuphuma kwesikolo. Intsimbi iyakhala.
Khelekenkce-khenkce-khenkce! UJoe uyaqalisa ukuya ngasekhaya.
Isele elindwebileyo liyakroba ebhakeni. Yinja yodwa elibonayo isele.
Isele elindwebileyo liyavuya xa ligoduka emva kwemini ebinzima kangako esikolweni.

Inkqubo ye-CAPS igunyazisa ukuba ootitshala babe nexesha abalibekela bucala ngosuku ngalunye, kulungiselelwa ukufunda ngamaqela encediswa ngutitshala.

ukufunda ngamaqela encediswa ngutitshala kujolise ekubeni abafundi abakwinqanaba lokufunda elifanayo bafunde isicatshulwa esifanayo ngoncedo lukatitshala.

Utitshala kufuneka enze isicwangciso sokufunda esiquka iindlela zobuchule bokufunda nokuqonda amagama, zokuxhobisa abafundi xa befunda.

Ezi ndlela zobuchule ziquka "incoko ngebali" ephakathi kukatitshala nabafundi, nephakathi kwabafundi emaqeleni abo. Ezi ncwadi ziqulethe iqela lemisebenzi malunga nezi "ncoko ngebali", ukuqonda neminye enokunceda ootitshala ekukhokeleni ukufunda ngokwamaqela emagumbini abo.

## Ezinye iincwadi ezikwithala leencwadi zebanga loku-1 zoLwimi Lweenkobe:

Inqanaba: 1

- USele uya esikolweni
- Ndiyakwazi ukufunda
- Siya esikolweni sonke
- Usuku lwemidlalo lwezilwanyana

Inqanaba: 2

- Siyayithanda ibhola ekhatywayo
- Silinganisa impahla
- UBathathe unomhlobo omtsha
- UTshotsho itipalori

Inqanaba: 3

- Isikhukukazi esibomvu
- UAnn uya kwagqirha
- Iphupha likaDudu

ISBN 978-1-4315-2640-6

9 781431 526406

Rainbow WORKBOOKS

ISBN 978-1-4315-2640-6

**THIS BOOK MAY NOT BE SOLD.**

basic education

Department:
Basic Education
**REPUBLIC OF SOUTH AFRICA**

Published by the Department of Basic Education
222 Struben Street, Pretoria
South Africa

© Department of Basic Education
First edition 2016

The Department of Basic Education has made every effort to trace copyright holders but if any have been inadvertently overlooked, the Department will be pleased to make the necessary arrangements at the first opportunity.